

**ISEBE LEMFUNDO EGAUTENG
UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBÉ
UHLELO OLUPHAKAMILEYO
(Iphepha Lesithathu)**

ICANDELO A

UMBUZO 1

UBUCHULE BOKUBHALA ISINCOKO NENDLELA YOKUPHONONONGA

1	Ukufikelela ngqo kwisihloko. - isihloko esivuselela umdla.	ibakala 4 uphumile kwisihloko tu. umxholo ongangqalanga	ibakala 3 ukufikelela kwisihloko, kodwa ingabonakalisi buchule namdla.	ibakala 2 ukufikelela ngokwanelisayo kwisihloko nobuchule ekutolikeneni isihloko.	ibakala 1 ukufikelela ngqo kwisihloko, - ubuchule ekuyileni
		1	2	3-4	5
2	Isibizelo Amagama Iziphumlisi	Ilevel 1 - Impazamo ezimbalwa kakhulu zokupelwa kwamagama - Isigama esihle. - Ingcaciso yamazwi anika umdla. - Ukusetyenziswa ngendlela efanelekileyo yeziphumlisi.	Ileveli 2 - Impazamo ezimbalwa zokupelwa kwamagama - Amagama afanelekileyo. - Ingcaciso yamazwi avumelekileyo. - Impazamo ezisabalwa zeziphumlisi.	Ileveli 3 - Impazamo ezininzi zokupelwa kwamagama - Amagama angafanelekanga - Ingcaciso yamazwi enganiki umdla - Ukungasetyenziswa ngendlela efanelekileyo kweziphumlisi	
		7/8	4-6	1-3	
3	Ukwakhiwa. Kwezivakalisi Ukusetyenziswa kolwimi	- Ukuthungelelana kwezivakalisi ezahlukileyo nokwakhiwa kwazo - Indlela ecacileyo yokusetyenziswa kolwimi	- Izivakalisi ezipheleleyo - Indidi zezivakalisi ezahlukileyo - Ukusetyenziswa kakuhle kwezivumelanisi nezimelabizo	- Izivakalisi ezingaphelelanga - Imiyalelo engeyiyo yokusetyenziswa kolwimi ekuxhomekeka ekuqandeni umxholo	
		7/8	4/6	1/3	

4	Ukwahlulwa kwemihlathi	<ul style="list-style-type: none"> - Ukwahlulwa kwemihlathi kakuhle nobude bawo. - Umanyano lokufikelela kwisihloko - Umanyano lwemihlathi nezivakalisi usebenzisa ukulandelelana kwezihlanganisi 	<ul style="list-style-type: none"> - Ukulinga ukukwahlula imihlathi - Umanyano lokufikelela kwisihloko olungenampumelelo. - Intshayelelo, isiqu, isiphelo esibubungqina. 	<ul style="list-style-type: none"> - Akukho kwahlulwa hlulwa kwemihlathi izivakalisi eziqukethe ngaphezu kwengcinga enye - Akukho bungqina obubonakalayo bentshayelelo, isiqu kunye nesiphelo ½
		6/7	3/5	1/3
5	Intshayelelo	<ul style="list-style-type: none"> - Intshayelelo efanelekeleyo, ebambekayo 	<ul style="list-style-type: none"> - Emfutshane. - Eneziqhamo. 	<ul style="list-style-type: none"> - Ende. - Exubhulayo
		5/6	3/4	1/3
6	Isiqu	<ul style="list-style-type: none"> - Ukulandelelana kweziganeko ezithi zakhe ilojiki (ucwangciso zimvo) ekufikeleleni kuvuthondaba olunomdla. 	<ul style="list-style-type: none"> - Ukuzama ukulandelela iziganeko ezithi zifikelele kuvuthondaba oluvakalayo. 	<ul style="list-style-type: none"> - Uluhlu lweziganeko ezingavakaliyo eziswele ukulandelelaniswa kakuhle. - Akukho kufikelela kuvutho ndaba.
		4/5	3/4	1/2
7	Isiphelo	<ul style="list-style-type: none"> - Isiphelo esivakalayo esiqukumbela ibali ngomdla 	<ul style="list-style-type: none"> - Isiphelo esiswele umdla. 	<ul style="list-style-type: none"> - Akukho siphelo - Esikhoyo isiphelo sisiphelo nje esiqetyiweyo.
		5/6	3/4	1/2

AMANQAKU: 40

ICANDELO B**UMBUZO 2****INDLELA YOKUPHONONONGA UKUBHALWA KWENCWADI (ILETA).****UHLELO OLUPHAKAMILEYO**

1	Indlela eyiyo ye: Dilesi Isibuliso Isiphelo	<u>Ibakala 1</u> 100% ukugqibelela Indlela efunekayo yokubhala.	<u>Ibakala 1</u> Izifinyezo/Iziphumlisi kwidilesi. Ukutsitywa komgca apho kuyimfuneko. Ukusetyenziswa kukanobumba ngendlela engeyiyo.	<u>Ibakala 1</u> Iimpazamo ezimbalwa kwindawo ezithile: Izifinyezo / Iziphumlisi. kwidilesi. nomhla Ukungakrwelwa komgca kwisihloko. Isibuliso nesiphelo esingalunganga	<u>Ibakala 1</u> Iimpazamo ezininzi kuyo yonke indawo. Izifinyezo / Iziphumlisi. kwidilesi. Ukushiya kwekhodi, umhla, isihloko sesivakalisi. Isibuliso esingafanelekanga nesiphelo.
	(3)	(3)	(2)	(1)	½
2	Indlela eyiyo, yorhwebo / yobuhlobo	100% elungileyo Indlela efunekayo yokubhala	Indlela efunekayo yokubhala. Indlela ezimbalwa zobume – umgca ongatsitywangwa apho kuyimfuneko.	Indlela eyiyo kodwa enempazamo ezimbalwa, izinto ezishiyiweyo kubume.	Indlela esemthethweni yokubhalwa kwencwadi yobuhlobo okanye indlela yencwadi yobuhlobo endaweni yasemthethweni.
	(2)	2	1½	1	½
3	Indlela eyiyo - Yokubhala - Imvakalo-zwi - Ingcaciso mazwi Iziphumlisi, ubume bezivakalisi.	- Indlela egqibeleleyo yokubhala, ingcaciso mazwi nemvalalizwi - Indidi zezivakalisi ezahlukeneyo - Ukwakhiwa. - Indlela ecacileyo yokusetyenziswa. kolwimi.	- Indlela eyiyo yokubhala ,ingcaciso mazwi - Ubuchule bokulungisa mabufikelelwe ngempumelelo - Izivakalisi ezipheleleyo - Indidi zezivakalisi Ezisetenzisiweyo.	- Ukuzama ubuchule bokulungisa - Isiphelo esingenasi sombululo. - Izivakalisi ezingaphelelanga. - ukulinga okungacacanga	- Indlela engeyiyo kwaphela okanye imvakalo-zwi engeyiyo. Izivakalisi ezakhiwe ngokungacacanga nemihlathi.

	Iziphumlisi, ubume bezivakalisi, Imihlathi.	<ul style="list-style-type: none"> - Indidi zezivakalisi - Ezahlukileyo - Ukwakhiwa. - Indlela ecacileyo yokusetyenziswa. kolwimi kungekho ziphene kwisintakisi 	<ul style="list-style-type: none"> - Izivakalisi ezipheleleyo - Indidi zezivakalisi ezisetyenzisiweyo - Imihlathi eyahlukeneyo yesiqu seleta. 	Ezingaphelelanga <ul style="list-style-type: none"> - ukulinga okungacacanga ekwahlukaniseni imihlathi yesiqu seleta. 	
		9-10	6-8	3.5	2
4	Ukuncamathela ngqo kwisihloko	<ul style="list-style-type: none"> - Ukuncamathela ngokuzeleleyo kwisihloko - Umxholo ofaneleyo - Ukufikelela Ngokupheleleyo kwinjongo 	<ul style="list-style-type: none"> - Ukufikelela kakhulu kwisihloko - Ukufikelela ngempumelelo kwinjongo 	<ul style="list-style-type: none"> - Ukuceba kwisihloko - Ukuswela inkcazelo - Ukungaphumeleli ekufikeni kwinjongo. 	<ul style="list-style-type: none"> - Ukuphetha uphumile kwisihloko - Umxholo ongafanelekanga - Ukungenziwa ngqo kwengongoma ephathele nesihloko
	5	5	3-4	2	1

AMANQAKU: [20]

ICANDELO B**UMBUZO 3****ISIGXEKO-SINCOMO, UBOMI NGOMFI**

	INDLELA YOKUPHONONONGA	ILEVELI 1	ILEVELI 2	ILEVELI 3	ILEVELI 4
1	Into ekhoyo ngqo elikhokco incwadi	Onke amanqaku afunekayo afakiwe kukuhle	- Uninzi lwamanqaku afunekayo athe ngqo - Ambalwa amanqaku ashayiwe.	Amanye amanqaku athe ngqo - ambalwa angathanga ngqo.	- Ambalwa amanqaku athe ngqo - Maninzi amanqaku ashayiwe.
	(6)	(6)	4-5	2-3	
2	Indlela eyiyo yokuyila	Ukuyila okuphezulu okukungenisa kwinto entsha	Isiphiwo esingqinelana nento ekhoyo.	Isiphiwo sokuyila esincinane kakhulu 2-3	Akukho siphwiwo sakuyila kwaphela
	(6)	(6)	4-5	2-3	1
3	Ifomati Eyayo	Ukubambelela ngqo kwifomati	Ukubambelela kakuhle kwifomati	Inxalenye ibambelele kwifomati	Akukho kubambelela kwaphela kwifomati
	(2)	(2)	1½	1	½
4	- Imvakalazwi eyiyo - Isimbo sokubhala - Ingcaciso-mazwi - Ukufaka iziphumlisi - Isakhiwo	- Ukumanyana ngqo okufanelekiyo kwendidi zezivakalisi - Isakhiwo esibonakalayo nokusetyenziswa kolwimi kakuhle kungekho ziphene ekubambeni izivakalisi.	- Izivakalisi ezifanelekileyo - Iindidi zezivakalisi ezisetyenzisiweyo.	- Inxalenye ayifanelekanga - Izivakalisi ezingaphelelanga ezibhadulayo	- Akukho kufaneleka kwaphela. - Ukwakhiwa kwezivakalisi
	(6)	(6)	4-5	2-3	1

AMANQAKU: [20]

UMBUZO 4

**INDLELA YOKUPHONONONGA UKUBHALWA KWEMIHLATHI EBHALWAYO
(Ukuzaliswa kweForm, I meyli, Memorandum, Ucingo , Izibhengezo)**

UHLELO OLUPHAKAMILEYO

1. Indlela eyiyo yokubhala (nje ngomzekelo othile)	Ibakala 1 Ukufikelela kwindlela yokubhala (ifomati) ngokupheleleyo	Ibakala 2 Ifomati eyiyo	Ibakala 3 Ukwayama kancinci kwifomati	Ibakala 4 Akukhokwayama
(2)	2	1½	1	½
2. Imvakalo -zwi eyiyo - Ukubhala - Ingcaciso mazwi - Iziphumlisi - Ukwakhiwa	- Ukubunjwa kwenyathi kwano yeendidi zezivakalisi - Ukwakhiwa noku setyenziswa kolwimi olucacileyo nokungabikho kweziphene kwisintaksi	- Ukulunga nokubhalwa kwezivakalisi ezizeleyo - Ukusetyenziswa kwendidi zezivakalisi ezahlukeneyo.	- Ukungabikho okuthile - Izivakalisi ezingaphelelanga	- Ukungabikho okuthile kwaphela - Izivakalisi ezingenamdla / ezingacacanga.
(5)	5	3-4	2	½
3-Ukuncamathela ngqo kwisihloko Ubude obufunekayo	- ukuncamathela ngqo kwisihloko - Ukufikelela ngempumelelo kwinjongo - Ubude obufunekayo	- ukuncamathela / ukufikelela kwinjongo nakubude.	- Ubhala isihloko esingafikeleli kwinjongo ngempumelelo nobude	- Ukuphuma tu kwisihloko - Ukuba kude kwaphela

[10]
[50]

ICANDELO C**UMBUZO 5
IINTSOMI****Sasinoncwadi Kwatanci - S.C. Satyo Nabanye**

- 5.1 5.1.1 Akukho nkwali iphandela enye.
5.1.2 Imfazwe isuka eziko
5.1.3 Iqaq' aliziva kunuka
5.1.4 Intloya iphuma emasimini 2x4=(8)
- 5.2 a) -Ukukhula nomcinga.
-Kukhula ngamqalamnye.
b) -Ukubek'inqawa.
-Ukubek'ingca.
c) -Ukufa luhlaza.
-Ukufa namthanyana.
d) -Ukuphosa umkhonto. 1x4=(4)
- 5.3 Le ntetho ithetha ukuthi mandulo iincwadi ezi zingekabikho kwisizwe esiNtsundu, uncwadi lweMveli lona lwaluhleli lukho lubaliswa ngomlomo. (3)
- 5.4 a) Yitlofiya
b) Sisigcawu
c) Ngumthi
d) Yinja xa ifuna ukulala 1x4=(4)
- 5.5 Intsomi yimbalana yobuxoki ekuthi kuqhutyoshelwe kuyo izithethe zesizwe eso okanye kubandakanywe iinkcazo zesishiqi zasendalweni. Okanye kusetyenziswe intlalo yezilwanyana kuzanywa ukusonjululwa izinto zentlalo yoluntu. (3)
- 5.6 -Uphinda-phindo.
-Izafobe
-Izifanekiso-zwi.
-Ukulinganisa ngomzimba
-Umculo
-Amagama ambaxa (Naziphi na eziNe)
-Ukugingxiza kwentetho. 1x4=(4)
- 5.7 Ngoomakhulu. (1)
- 5.8 Kungorhatya / ebusuku. (1)
- 5.9 Ngudyakalashi. (1)
- 5.10 ingonyama. (1)

[30]**OKANYE**

UMBUZO 6

- 6.1 6.1.1 UMYALELO:
Intombazana yanikwa umyalelo ngumama wayo, wokuba ingabokuze idlale phaya ngasehlathini lide litshone ilanga. (3)
- 6.1.2 UKUTYESHELWA KOMYALELO:
Le ntombazana yadlala nabahlobo bayo ngasenyeleni yehlathi lada latshona ilanga. Kwathi xa bebuyela emakhaya yakhumbula ukuba ilibele iqhiya kanina kulaa ndawo babedlalela kuyo. Yacela abahlobo ukuba bayikhaphe ukuya kulanda iqhiya leyo. Abazange bavume, yajika ke ihamba yodwa sekumnyama. (4)
- 6.1.3 UNGCUNGCUTHEKO
Yajika yodwa isoyika kuba kwakumnyama. Kwakhona isoyika ukuba iza kubethwa ngunina. Yayihamba ibaleka, ibheka-bheka ngasemva. Kulaa ndawo babedlalela kuyo yafika sele kukho umntu omkhu-u-u-lu. Yoyika nangakumbi laza izim lathi mayize kuthabatha iqhiya leyo. Yolula isandla ithabatha iqhiya, xhakamfu, yabanjwa yafakwa engxoweni lizim elo. Lathi liza kuyitya ngesopholo kuba lalisahluthi ngoko. Ingxowa yayiqanyangelwe nkqi, lahamba nayo izim lisithi ngumgodlo womntu omkhulu. Endleleni lalisithi lakunxanwa liphambukele emzini licele amanzi. Litsho lisithi liza kubavisa ukukhala kogaga lomntu omkhulu. Lalibetha le ntombazana ngentonga itsho icule kalusizi. (8)
- 6.1.4 USINDISO
Laphinda lanxanwa kwakhona izim, laphambukela njengesiqhelo, kanti ngethamsanqa liza kungena ekhayeni le ntombazana leyo. Lafika lacela amanzi lisithi lizakubavisa ukukhala kogaga lomntu omkhulu. Bathi malibavise. Labetha ngentonga engxoweni lisithi mayicule. Yatsho kalusizi ibalisa ngengxaki ezifake kuyo. Abazali baliva ilizwi layo baze balinika ibhekile evuzayo besithi liziyele emlanjeni.

Basala beyikhupha intombazana engxoweni, bafaka zonke izilo ezilumayo ezifana neenyoka, iinyosi, izigcawu, njl. Labuya izim lafika lathabatha ingxowa yalo leva endleleni. Kwaba kukusinda kwayo intombazana. (8)
- 6.1.5 IMFUNDISO
Le ntsomi iyayala abo bantu bangafuni ukucetyiswa. Ibonisa ubungozi bokungaphulaphuli iingcebiso zabantu abadala nengxaki athi umntu azibone selekuyo ngenxa yokungaphula-phuli. (3)
- 6.1.6 Kuya kwamkelwa nayiphi na impendulo xa umlingwa ekwazile ukuyixhasa ngokukuko. (4)

[30]

**UMBUZO 7
AMABAL' AMAFUTSHANE**

Apha Naphaya - D.M. Jongilanga

- 7.1
- 7.1.1 NguNte (1)
- 7.1.2 UVimba kaBhelezabhubhe. (1)
- 7.1.3 Uyahlupheka kuba umama wakhe akaphangeli kwaye ekanankathalo. Maxawambi wayefika abethwa lucango xa abuya esikolweni angazi uya kutya phi na? Umama wakhe abuye ebusuku kuloo ndawo aye kuyo. (4)
- 7.1.4 Kwesi sitalato sakwaMekeni kuhlala abantu abahluphekayo. Bahlala ezindlwini zamacangci. Abantu balapha bangamaxelegu, inkunkuma ijulwa nje esitalatweni. Kuyanuka kwesi sitalato, kukwalahlwa nezinja ezifileyo. Abantu balapha bakrwada, bayathukana kanti abakonqeni nokuphakamisa amakhwapha. Abantu baseTyhini basela utywala, batshaya necuba. Kunezikrelemnqa kuba amakhwenkwe abonisa imikhwa yazo kwimidlalwana yawo esitalatweni. (4)
- 7.1.5 Le nkwenkwana yasebenzisana namasela, batyhuthula iimoto zabantu bagqibela ngokubanjwa. (2)
- 7.2
- 7.2.1 NguDyonase noTobhana (2)
- 7.2.2 UTobhana ngumolokazana kaDyonase. (2)
- 7.2.3 NguSiganeko. (1)
- 7.2.4 Watya isonka sodwa akalumela nganto. (2)
- 7.2.5 UTobhana umolokazana kaDyonase. (1)
- 7.2.6 Abazange baphinde bavane. Kususela ngaloo mhla uDyonase waziphekela yedwa. Akafuna ukuphinda aphekelwe ngumolokazana wakhe. (3)
- 7.2.7 Alikho. Wasuka waqhelana nemizi yotywala, afike ekhaya ezithe mfo ngomdliliya omfaxangiweyo ebaleka ukusombulula le ngxaki. (2)
- 7.2.8 Wazigulisa. (1)
- 7.2.9 Ewe. Waqala ngokusiwa kwagqirha, waze wacelwa ngunina. Akufika kokwabo waba ngumqaba-qaba. Yamlanda indoda. Akufika emzini wagulela ukufa. Wabhukula unina waya kumlanda kwakhona. Wafika waphila qete. Useselapho unanamhla oku. (4)

[30]

UMBUZO 8

8.1

8.1.1 Ingxaki ekhoyo

USolani umyeni ka Novayithi wayengaphangeli. Betsho ngesibhozo sabantwana. Uxanduva lokondla abantwana lwahlala phezu kwamagxa kaNovayithi. USolani wayezisarhela imbarha iimini ezi, athi xa abuye afune ukutya kuNovayithi. Ubesakuthi akulandula umkakhe, athukwe yile ndoda imbuza ukuba akakwazi na ukwenda le nto engayi kufuna izitya kooMaDlamini? Wayesithi xa azama ukuziphendulela uNovayithi, atyityinjiselwe umnwe seso sibhovu-bhovu sendoda ilinqenerha. Wayeda ngokuthi thwasu, aye kucela izitya kubamelwane. Babesele bekruqukile kanobomi abamelwane kukondlana nendoda eneziphika, engabikwa hlaba efana noSolani. Usizana olunguNovayithi lwaluye lucetheze de linikwe loo nkinga elandelwa zizenyeliso. Wayebhitye engumcinga, ngokuthi angaphetshulwa nangumoya lo ngenxa yendlala nempatho-mbi yomyeni wakhe.

(10)

8.1.2 Isisombululo

Ngenye imini esaye kucela isitya kwaMaDlamini, wacetyiswa yile nkosikazi ukuba makayivimbe le ndoda ingafuniyo ukuphangela. Ngenene waphikelela ukupheka emini uNovayithi, atyise abantwana. Aze ahlambe iimbiza azibeke phaya zixwebile. Ubesakuthi akufika uSolani efuna ukutya, uNovayithi amxelele ukuba nabantwana aba abakhange bakubone. Wabethwa lusizi lokucinga ukuba iintsizana zakhe ziyafa yindlala. Waqalisa ukuya eMonti esiya kufuna izingxungxo. Kwaba nzima ukuzifumana, waza wancamela kwiivenkile zabaNtsundu. Wafumana umsebenzi kwivenkile kaToni kuTsolo. Wasebenza apho iinyanga ezimbalwa, wavukwa likakade lakhe, wabuyela ezilalini. Wafika walima iimboty nemifuno, wathengisa. Wathenga iimbongolo ezintandathu, akahoya abamhlekeyo. Wacela ukugawula isinga, walayisha iinkuni enqwelweni, waya kuthengisa elokishini. Iimboty nemifuno zazala iinkomo neegusha. Waba sisigwili sabumini uSolani, kwakho nabathi uyaxoka uthwele. Abaninzi bamlinganisa. Yaphela indlala, abantu bahlutha kwaphela nezifo zesikhumba. Kwadilizwa izindlu ezingamabobosi kwakhiwa ezala maxesha. Inene laphuma ilanga kuloo ngingqi yakwaNdlambe.

(15)

8.1.3 IMFUNDISO

Umbhali ubuthiyile ubuvila. Apha ubonisa uluntu ukuba impumelelo yomntu isezandlelni zakhe / Ukuwa nokuvuka komntu kuxhomekeke kuye. Uthi umdali usiphile ingqondo amehlo kunye nezandla. Ezi zizipho ekumele sizisebenzise ukuze sikwazi ukuziphilisa

(5)

[30]

[30]

120